

Imvo Zabantsundu

(NATIVE OPINION)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

IXABISO 3d.]

KING WILLIAMS TOWN, NGOLWESI-NE, MARCH 13, 1890.

[No. 278

IXESHA LE BHOLA, 1889.

DYER NO DYER,

BANQIKA into eninzi ye Mphahla ye Bhola, abayite dlakana ukuba ibonwe;

kuko nento ezintsha, ekumhla zenziwayo NANGABENZI

ABAZINTLOKO.

I-BHATI.

Zika Lillywhite, Izipato ze Cane 16s
„ Ezilunge ngapezulu 21s
„ Ezispeshele 21s „ Eziketweyo
25s „ Duplex Driver 30s
Zika Cobbet's Eziyi Single Cane 15s „ I Eziyi
Double Cane 17s
Zika Cobbet's Cane Zonke 19s
„ Ezenziwe Speshele 25s Bartlett's
ezi Double Cane 13s 6d
„ ezi All Cane 16s 9d
„ ezi Kuncotula 19s 6d Zamadoda
zoku praktisa 5s 6d, 8s
„ Dove Tail (extra strong) 9s
I-Seti Zentsapo 6s 6d, 10s, 12s 6d. I-Stumps 5s
6d, 10s, 12s, 16s 6d.

I-BHOLA ZE KRIKITI.

Ezika Duke ezimitungo ipindiweyo 4s 6d.
„ extra strong 6s 3d.
Ezentsapo 2s 6d.
Ezika Duke ze Match 5s 9d, 6s 3d, 7s
Ezika Ayer's Ze Match ezimitungo ipindweyo
katatu 9s.
„ i Catgut „ 10s.
„ Lillywhite 6s 6d, 7s, 8s, 8s 6d

Zokugcina i Wikiti 6s, 7s 6d, 8s 6d, 8s 9d, 10s, zenziwa nge twatwa elimhlope—ngolusulu
lwebokwe—nge Gold Cape Tan Chamois nentlotyantlotyana zonke ezintsha.
Zobetayo Ezolusulu lwe nja 7s 3d, 8s 6d, and 29s. Eze Bhokwe 7s 3d. Eze Buff Chamois 7s 3d.
I New President Batting Glove 9s 6d.

Impahfa entsha engazange yako ye TENNIS, isand' ukunqikwa, Intonga ze
Tennis ziqalela kwi 6/6 kuse kuma 30/-.

Imitwalo emikulu yempahla entsha, yase ntlakohlaza
ifika ngo Stemele bonke.

DYER NO DYER,
ABANENGUBO ZAMANENE,
KING WILLIAMS TOWN.

Kotenga i Seti yonke kwapulwa i Sheleni zo mbini e pontini,
amanani awodwa kule mphahla. Paula Mlesi!

KO PASCOE
LIFANDESI (SELLING OFF).
Yonke impahla yabo ayitengiswa iyalahlwa.

Ngentsuku ezi 16: kuqala ngolwesi-HLANU, 28 FEBRUARY de-kube
ngo MARCH 15.

KWA FOLOKOCO!,
Ngezantsi kwe Tyalike yama Ngesi yase Rabe

EQONCE
BON MARCHE

[Appo kutengiswa impahla entle ngamanani angemakulu

E-GRAHAM'S TOWN

Saneke lityali ezitshipu kanye, ifishini ezona zintsha, ziqala kwi 3/- inye. Ikaliko
Emhlope ne Brown, iqala 2 ½ d. yd.
Amicako etungelwa kwi Blanket, iqala 4 ¾ d. yd. Ezona Ntlobo zintsha ze Print,
3d., 4 ½ d., ne 6d. yd. Iqiya ze Keshemiya. Ezimnyama nezamanye amabala
1/- inye, Iblanket zoboya ziqala 51- inye.
Amabhayi 21- lilinye; i Cotton Sheets 116 inye.

YONKE IMPAHLA YABATSHAKAZI!!

I Dress zenziwa apa, ngezona ndlela zigqitiseleyo, yi Ledi esand'
ukuvela e-England.

INGUBO ZAMADODA.

IBHULUKWE ZE KODI, ziqala 5s. inye.
IBHATYI ZE KODI, ziqala 10s. inye.
IBHULUKWE ZE STOFU (Tweed), ziqala 2s. 11d. inye.
IBHATYI ZE STOFU, ziqala 6s. inye.
ISUTI Emhlayo umfana ifishini entsha, 21s.
IHEMPE, 1s. inye.

Oze kutenga apa ngokwalatiswa yi " Mvo " maze akuxele oko. Ukuba
utenge ngexabiso eligqite kwi ponti enye (E1) uyakubuyela ayinikwe isheleni ngeponti
nganye.

JOHN W. BAYES & CO.,

Kwi Kona ye Bathurst Street ne Church Square,

GRAHAM'S TOWN

EZAKOMKULU NGE GUNYA.

ISIAHLULO SASE QONCE.

Isaziso sika Rulumente Ngemihlabo.

KUYAZISWA okokuba imali
Yemihlabo Yezikonkwane, neyo
Notenga, neye Ngqesho ifuneka
ibhatelwe ekupeleni kwalonyaka
odluleyo, kufuneka ibhatelwe kuyo le
Office ngapakati kwenyanga ezintatu
kuwo lomnyaka, kodwa kungagqiti le
yesitatu inyanga. u MARCH 1890.
Ongasipulapulanga ke esi saziso,
engabhatelanga irafu yake, uya kutinjwa
impahla yake, itengiswe ngawo u Mteto u No.
9 ka 1884.
Irafu ye Zikonkwane leyo Notenga ngo
Mteto No. 14 ka 1878, nango Mteto No. 10 ka
1881, neye Ngqesho ngo Mteto No. 19 ka
1864, nayo eye Mihlabo ngapantsi kwo Mteto
u No. 37 ka 1882 ifuneka ibhatelwe
ngapambili, ngokutwasa kwonyaka

W. B. CHALMERS,
Civil Commissioner.
Civil Commissioner's Office,
King Williams Town,

Incindi Epitikeziweyo

LINSEED NE
HOREHOUND

Lelona Yeza le NKOHLOKOHLA
INGQELE, nazo zonke Izikuhlana
zo MQALA ne MIPUNGA

1/6 NGEBHOTILE.

2/- LITUNYELWE NGE POSI.

Ngamanani Nanganye kwa

P. GRAY, Chemist and Druggist,

CAMBRIDGE ROAD,

KING WILLIAMS TOWN

Mawetu! Mawetu!!

Y AZINI ukuba ndivule ecaleni kwe
" Kava " IVENKILE YENTWANA
ZONKE EZIFUNEKAYO. Kuko
nesebe Lencwadi ekuza kubako kulo
zonke izishicilelo ezikoyo zesi Xhosa.
Ako Amaculo Amahle lonke. Kuko ne Noti
(Tonic Soffa) ezimaculo matsha, amnandi.
Elisebe lisaya kufezekiawa ukwanelisa
ititshala, njalo-njalo-

PAUL XINIWE,

General Agent.

King Williams Town, June 10, 1889.

ABAZELWEYO.

KALI—U MRS. MAC KINNON THOMAS
KALI wase Main, e Batenjini, ubeleke
nge 27 January, 1890, UNTANA.

Ulandela

intombi ezimbini.—327390

Ityarike Entsha ku Benga.

ITYARIKE yakwa Sigenu ku Benga
iyakuvulwa nge Cawa, April 6, 1890.
Intshumayelo ziya kumanjiswa nga Bafundi.
si base mzini. Umantyi yase Cacado no Nkosi
Dalinyebo bobolekana nge Sihlalo kusasa
nangokuhlwa ko Mvulo, April 7.

J. M. DWANE.

Seplan, Askeaton,
March 6, 1890.—327390

BONISANI

KULAHLEKE e Zeleni ngobusuku
bolwesi.Bini, 25 February, amahashe
amabini. IMPEMVU EBOMVU, entle;
NENKUNZI EBOMVU, amanqina
angemva abomvu. Olandisayo wovuzwa
xa atumela ku Mr. D. Dwashu, Ezeleni,
naka
Rev. P. Kawa, The Kabouasie Mission,
Stutterheim.—724490

Umzi wase Batenjini

UYAZISWA ukuba Intlanganiso
Yokuxoxa ngesikolo sase Ndwana iya
kudibana ngo APRIL 9th, ngolwesi-Tatu
evekini, ngexesha leahumi, e Ndwana.
Lencwadi yanele, umzi uze ungalindeli
mapepa okunoywa. Ngapandle ko Mantyi
olindelwe ukutabata isihlalo, kaya kubako
o Rev. E. Makiwane, Mr. J. Tengo-
Jabavu, nabanye. J.M.
3itl 3 90
DWANE.

IMIBIKO.

KALIPA.—Intwanazana esasiyizuze
nge Nibidyalu, 1890, Emachubeni,
ibhubhe ngokuhlwa, February 17, 1800.
Sinomnqweno wokaba sazise izihlobo lo
Mbiko.
—327390

Beauchamp, Booth Co.

(EBIYEKA J. J. IRVINE & CO.)

Ezamadoda Ibhulukwe ze Stofu 5s 6d, 6s 9d, 7s 6d, 8s 11d.
Ibhulukwe ze Kodi (EZILUNGILEYO KANYE) 7s 6d.
Ibhatyi Zamadoda—iqukunjelwe yonke, 5s 6d.
Ibhatyi Ezimnyama Zamadoda ze Tweed, 15s 6d.
Isuti ezitambileyo zamadoda, 12s 6d, 14s, 18s 6d, 20s.
Ibhulukwe ezingwevu zokutshata 16s 6d.
Izihlangu zabafazi 5s.
Izihlangu zamadoda zohlobo ezomeleleyo 7s 6d.
Ihempe zokusebenza zamadoda, ziqala kwi 1s.
Ihempe zesitashi zamadoda (ezinamabala), 2s 6d.
Ezimhlope Ihempe zamadoda zesitashi, 3s 9d.
Ikapisana ze Tweed zamadoda, 10/d.
Ezamadoda Izihlangu ze njiroba. 6s.
Iminqwazi yamadoda ye Tweed, iqala kwi 1s 6d umnye.
Eyofofe iminqwazi yamadoda, 2s.

Ozi Keleko, Printi, zi Tafu zamanenekazi,
Mazilini, Izinxibo zokutshata ze
Satini, Izigubungelo zaba Tshakazi,
nezinye izinto.

Abamnyama bayayitunyelwa impahla ngeposi
xa balitumeleyo ixabiso layo.

Bayasikelwa Ingubo Abatandayo.

BEAUCHAMP, BOOTH & CO.

BAKER, BAKER & CO.

Elobushushu Ixesha,

Elokubanda Ixesha,

Elobumanzi Ixesha,

Elokoma Ixesha,

Onke Amaxesha.

BAKER, BAKER & CO.

BANEKE NGOKU

Ingubo Ezifudumeleyo,

Ingubo Ezipolileyo,

Ingubo Ezilungileyo,

Ingubo Ezingangenwam mvula.

Zamaxesha onke ngamanani onke.

KANIZE KUBUZA I

Bhulukwe zetu ze kodi ezitshipu

I BLANKETE, IMINQWAZI,
AMAQHINA, IZIHLANGU,
NOMAQATENI (Shoes).

EZIBALULEKILEYO,

ISUTI ze TWIDI ZAMADODA, 11/6.

IHEMPE ZAMADODA, 1/- and 1/6.

BAKER, BAKER & CO.

EQONCE

GIBBERD & BRYANT,

KING WILLIAMS TOWN.

I-lokwe zokutshata ze Setiniemhlope i-Ready-made 30/-.

I-lokwe zokutshata ze Setini e-Cream i-Ready made 30/-.

I-lokwe ze Alpaca emhlope } Zokutshintsha

I-lokwe ze Setini enamabala } 17/6.

I hempe ezimhlope 1/6 inye; I hempe ezihonjisiweyo 1/- inye.

I-SETINI EMHLOPE 10d. nge yadi I-SETINI E CREAM 10d. nge yadi
I-ALPACA EMHLOPE 6d. nge yadi.

I Kwilita zokulala ezimhlope 4/6 inye.

I Printi ezingapumiyo 3d- nge yadi.

I Printi ezilunge kanye ebize ze 6d., ngoku zitengiswa nge 4d.

Ityali zokuhomba ehlotyeni.

GIBBERD & BRYANT,

	
Iveki.	

BAYACELWA ngotobeko bonke abaxhasi be Mvo, abatunyelwe izazico ngentlaulo yexe-sha elipela ngo 31 March lo, ukuba bapelelisele yonke imigudu ukutumela intlaulo ngalenyanga siyipetyeko.

SIYAVUYA ukuba umhlobo wa Bantsundu e Komani, u Mr. Crouch, enyulwe li Bhunga lomzi ukuba abe yi Nkulu yalowmzi (Mayor) ngalonyaka. Emonti ngu Mr. D. Rees opakanyiselwe kwelo wonga.

NGEVEKI egqitileyo kungqubeke ebusuku umkombe omkulu ongu Kwetta eliweni elise lwandle e Torres Straits, e Australia watshona kwisituba seminiti esintatu. Kuntywiliselwe abantu abase kulwini elinamnci matandatu anane, kwasinda ikube elinanci linye linantandatu.

NASE Hankey iyanyathyha imofu.	
KUTE ngase Chicago e America xa idlaka linqamla indlela xa lolive, kwafika isiphekepheke se treni sona satyumza ikali kwafa isitatu sabantu abebepakati.	
IRULUNELI induluke e Kapa ngentsasa yo Mvulo lo isiyakudibana ngo 12 March, no President Kruger, no President Reitz, e Blijgnauts-Pont ngemicimbi yolaulo. Noko kubaluleke owase Swazini.	

EKUBENI ibiteta e Tinara nase Bhayi ngeveki egqitileyo ljaji, ngale iqale e Nyara ngolwesi Bini yaye namhla ise Bhololo ngo-Mvulo 17 March yobase Qonce, ize ngolwesi-Hlanu ibese Komani.
KUFUJI nje kufike ibuto lama Kula (ama India) e Natal.
U MR. A. STAPLES wangase Katikati wenzakaliswe ngumqalwa wehashe ote ngokunqibika intloko watsho kunene emhlatini wapuka.
IMIBUNGU iqalile iyawabulala amahashe kweli lingapautisi.
KWIMALIKE yase Qonce ngoku inkabi ezinkulu zoknxhela zihamba kwi £6 5s, ne £8; imazi £3 17s, ne £5; inkabi zedyokwe £5 inye; inkunzi £3 2s; ihashe £5 17s.
NGOLWESI-HLANU u Mr. Scatuf umhambi wase Bhai ufenyenze selelundo ebhedeni kwi hotel ka Mr. Boorman e Monti sisifo sentliziyo.
ISTESHONI sika lolive eesieakiwa e Bloemfontein.

KURODONYISHWE etywaleni ngase Mgwali wase Batenjini umfo ongu Matuma ngabanye ababini u Regu no Xwatu. Basentanjeni.

NGEVEKI egqitileyo e Rini kucolwe ezindongeni usana lomntu omnyama Insand' ukuzalwa kufupi ne Lokeshoni. Uyafunwa umzalikazi, sekoko itemba lokumfumana. Kakade “ngu ziboyana.”

ULAULO lwase Free State lumisela umteto wokuba kungahanjwa ze ngabantu abanyama kulo lonke elo. Abawapuleyo babalulelwe izohlwayo;

AMATYALA ayakutetwa yi Jaji e Qonce lishumi linantatu, isitatu ngavela e Cumakala.
IGWANGQA elingu McKeone elaligwetyelwe 25 iminyaka ngokupanga ibanki e Krugersdorp, upume entolongweni ngeqinga—eziqabe umsizi wupama wanyantsula engazelwe nto bani. Unanamhla.
E CREWE kwelama Ngesi kuxelwa ezokubalawa komfo ngonyana bake ababini ; omnye umnyaka i 17 omnye 20. Baye bamlalela xa avela e dolopini ngokuhlwa.

INTLANGANISO enkulu yabatunywa be Mbumba yama Bhulu omandla wase Tinara ebiko ngaleveki, ukukangela inene emalixhase lolo Manyano ukungena e Palamente, igqibe kwelokuxhasa u Mr. John Grewar wase Kleinpoort oyakuba ngowceala lika Sir Gordon e Palamente.
KWALATWE u Mr. S. I. Lange ngabavoti base Kimberley oyakutabata isihlalo e Palamente somfi u Mr. W. S. Lord, Q.C.
OVELA e Dikeni ubika ezokuba kuko inkwenkwe yekwa Gaga ebone umfazi osand' ukuqanyulwa nniqala e Ntungele, iyokubikela amanye, ibuya akaseko. Lunyala uyafunwa ngamapolisa. Ngati ambulali lowo uyakufunyanwa.

Imvo Zabantsundu

NGOLWESI-NE, MARCH 13, 1890

UBUQITALA.

NOKO kade ifundisa-nje IMVO kuseko amaqitala, kumzi wokukanya wase Bhai, abantu abangekawunakani umgaqo ohamba ngawo Umbuso lo sipantsi kwawo. Ukutsho senziwa zinteto zeqela elitile entlanganisweni, engxelo ikwakweli lanamhla ebise Bhai apo, engo Mbuliso we Iruluneli. Abateti abarorela Umbuliso owenziweyo bati ngekwahlokonysiswa iziroro kwi Ruluneli. Akuko mposiso ibingagqita leyo; emasiti ukuba amadodana antsundu ebekululamele ukwalatiswa ngabanoiffi lokwazi ngombuso lo sipantsi kwawo, ngebenikela ingqondo kwinqaku eliwiswe ngu Mr. THOS. NGXWASHULA kuba lomnumzana ehlabе ekangele mayelana nesoko lombuso lo wakwa Rulumeni. Ukuba imbuliso yayicwangcise iziroro ngewaye uhlazeke wonke umzi, wazixela ukuswela ingqondo. Sivuy'a oko kungenziwanga, wati

umsebenzi wawa ezandleni ezawupata ngemfanelo yawo. Mayelana nento yokuba kuko abati kwagxekwa umbuso wenkosi zohlanga, londawo ayivakalanga njalo kubantu abayilesa njengati i Address bengeko kumphunga wokufuna iziposo. Siyiya tina, nangapandle kokunukuneza owenkosi zohlanga umbuso, incoma amalungelo angapezulu awalo mbuso wokukanya. Kungaba kuko ongqondo ifezekileyo ongayi gibayo-na lonto? Umangaliso oqgite eminye esiwufumana kwinteto zalentlanganiso yinteto ebukali ka Rev. J. W. GAWLER egweba umbuliso ukanti wona lombuliso wenziwa waqiniselwa ngu Mr. GAWLER ngokwake. Njengokuba ke umzi wase Bhai uwupalazile umoya obuvutelene nguwo ngenxa yalombuliso, siyatemba ukuba uyakwaneliswa ulinde wambi amakandilili okusa kusihlwa.

Impawana.

KOKWESIBINI namhla sivakalisa indaba ezimnandi; zokumiselwa kwamadodana amnyama afundileyo ngumbuso wase Natal emisebenzini emikulu eyifaneleyo leyumfundo yawo. Ngelinye ixesha apa sahlukomisa ngovuyelo ukumiselwa kwendodana yehala letu u Dr. J. Mavuma Nembula ekubeni ligqira lakomkulu e Msinga; makabe u Dr. Nembula uqobe kakuhle kunene, kuba nanku namhla sifumana kwala mbuso umisela enye indodana emnyama ekubeni sisanda se Mantyi e Stanger—siteda u Mr. Cleopas Kunene. U Mr. Kunene ngomnye wamadodana ase Natal awafunda e Healdtown, kakade ngomnye wabake bahlala ezinyaweni zika Mr. Baker, efikile e Natal ubambe isikolo sase Verulam, aqanqamama emfundweni noko, ude wapumelela ngokonkomeko uviwo lwezokolo, waba kupela komntu omnyama opumeleleyo kolovivo e Natal. Ubone oko umbuso wase Natal, wammisela kwiwonga elingazanga lafunyanwa mntu mnyama kweli lizwe lobuka ahlonkonyiswe ukuba usisandla semantyi. Simnqwenelela inqubo entle kulondawa u Mr. Kunene.

LENTO yenziwe ngumbuso wase Natal isibangela ukuba sike sibuye sikangele okwenziwa ngowetu wase Kapa umbuso. Sifumana ukuba, nakuba sekumzuza oko imlundo pakati kwamawetu, yaye ifun' ukuti-tyi kuento eyiyo e Natal, umbuso kodwa awuyise-so imfundo epumeleleyo yontsundu—ngesizitatu ke ungamfumana umntu omnyama oke wamiselwa ngokubalulekileyo' kwimisebenzi enewonga yakomkulu—enjengokuba sisandla semantyi. Yaye lento ingabangwa kukuba engeko amadodana amnyama azifaneleyo ezindawo pakati kwabantu bakowawo, kodwa kukuba umbuso ungekayicingi into leyo. Namhla i Natal iyalatilile indlela." Unjalo wona umkuso osapendulwa yi Nkosazana kungezenzo ezinje uyakubona oweletu ibala ukuba umiselo mbuso we Nkosazana wokungacaluli ibala awuyiyo inteto kodwa yimyaniso.

NGANGOKO saziyo kukabini kwapela elaka lahlokokonyiswa kwipepa lakomkulu igama lontsundu epatiswa indawo yewongana. Kungela xesha kwaye kulaula u Sir Thomas Scanlen nowabo o Mr. Sauer no Mr. Hutton nabanye. Lowo mbuso wawusasihlolise kammandi. Ngelinye ixesha wenza into encomekayo xa kwaye kucandwa umhlaba wakwa Mabandla, ekwafuneka kumiswe amanene aya kukangela ukuba lowo msebenzi uhanjise ngokwanelisayo. Ute u Sir Thomas Scanlen ekumiseleni amanene wabalula u Mr. A. Stewart, oyimantyi vase Tinara ngoku, owaye yimantyi yase Dikeni ngoko, u Captain Hughes, R.N., unocanda, no Rev. Elijah Makiwane wase Rwarwar. Ute kwakona umfo ka Scanlen ekuzeni kupuma kwake ewongeni lokupata wahlakomisi ukuba u Rulumeni umisele ukuba u Mr. William N. Seti we ofisi ka Mr. Dick e Qonce abe nesihlahla sokubhala lpati nakuba indawo leyo ingahambi nakwanda kwamali, ite yaxokonxa ngxholo enkulu yamafama ase Mtonjeni awayepetwe ngu Cibhela. Angenayo u Sir Thomas Uppington no Sir Gordon Sprigg asibuyiswa sibe sabona gama lamntu wakowetu upatiswa msebenzi ubalulekileyo, unyuswayo kwa Rulumeni. Sisajongile ukuba u Sir Gordon uya lokuxilwa kukuba semva kwe Natal na ekwenzeleni imfanelo abantsundu? Sobona.

KAVAMANYE amazwe apetwe yi Nkosazana apo kumelweneyo ngabamhlope nabantu abebengabalawo mazwe kakade ikolisile into yokuba amadodana antsundu amiselwe ngu Rulumeni endaweni zamawonga pantsi kombuso, ngokukodwa kuba abantu abamnyama ngokucekiswa abanikwa zindawo ngabantu abamhlope abanehambara. Kulapa kule Kloni yase Kapa apo bangekapatiswa msebenzi abakowetu ongafika begovalaliswe kobubu kumsha nasebu poliiseni bungeni kumntu omfundo ite yafun' ukuhambisel'a pambili. E India bavulelwe abantu abamnyama kangango kuba kona sekuko ne Jaji ezimnyama.

ELASE Bhai ekutiwa yi *Telegraph*, liwavile amacapaza ebhesiwenze nge Singesi ngalomeimbj wokumiselwa kwabantsundu emisebenzini yakomkulu e Natal, lenze lamacapaza Nakuba kungeko matanda ukuba u Sir Gordon Sprigg unolangezelelo lokunga angenzela bonke abantu befi lizwe imfanelo kodwa kumhlope ukuba akako ngozini yakunqulwa ngabamnyama. Umzi omhlope umaqela mabini eluveni mayolana nabazalwana bawo abamnyama. Kuko abelungu bedolopu abatanda uluntu kwanabafiki ngomye umkondo lowo; waye uko wona owamafama nezinye izimamhlaba ezi "sautekileyo" kudidi lwesibini. U Sir Gordon ungowalowomkondo wokugqibela. Akavumi kumtemba ontundu kuba elifama

elinamava. Sikolisile ukuziva imvo zika Mjala ngo Sir Gordon, kungade kugqibelele sizivile into ecingwa ngu Sir Gordon ngo Mjala. Kuyabonakala ukuba asingeyindlele ixesha elide ngokukodwa ukuba ipepa elingumlomo wama Xhosa arayoro, IMVO, lijokisile ngenteto zalo zokuxhokona inkulu yolaulo. Esokugqibela isiroro sesokuba u Sir Gordon emangala ukutabata ilokwe yencha abanyusele ngayo emawongeni emsebenzini wakwa Rulumeni. Ulaulo lwase Natal lupakamisa Igqira elintsundu ladala isandla semantyi esintsundu. Inetevu zimangalele ukuba zipatwe ngokunjalo kweli lizwe lipetwe e Kapa. Isi roro esibhalwe ngarara, ngoko ke akuko temba lakusisabela, sesokuba oko kwati kwapata u Sir Thomas Uppington no Sir Gordon abazange babuye bapatisewe msebenzi utyhulu abamnyama. Angaba u Sir Gordon uyakuzingisa ekwenjeni njalo na?" Singavala apa ngeliti uluvo luka Sir Gordon ngabantsundu, njengokuba aluwise e Burghersdorp, lolokuba bangapatwa ngendlela eyahlukileyo kwabapetwe ngayo abanye abantu.

IOUBA i *Telegraph* iti:—"Umbuzo obhekiswa yi Mvo ku Sir Gordon ungotsofileyo, kwaye kuko isizatu esinye osekwe pezu kwaso esinga singacelela kuso ingqondo. Ipepa elingumlomo wabantsundu liyakalaza kuba izitora, ibhanki nabanye abapatiswa bemisebenzi ebalulekileyo bemeckisa ontundu ngangokuba bangamniki msebenzi ezihambareni zabo wokubhala njalo njalo. Lento ke iyahlininikisa kwabantsundu. Sivoyika kodwa ukuba okukukunjuzwa kubalulekileyo kwabapatiswa akusakubanga ukuba bavulelwe lomisebenzi bayibuzayo. Kodwa i Netevu ziti oko zingena kupatiswa ezivenkileni, u Rulumeni makalate indlela. Kekaloku u Sir Gordon Sprigg akakazibaluli ngokumisela i Netevu neyokubika kwindawo yokuba sisandla sika Mantyi njengokuba sekwe njiwenjalo e Natal. Nakuba singaboni ukuba singayichasa into yokwenza i Netevu isandla sika Mantyi kwindawo eyintlangapo into yabantu iyeve Sixhosa kwapela. Kodwa asiyamkeli' into yokumisela Igqira elintsundu." Ifike apa i *Telegraph* ibalise ngo "Siyavuma mhloko" nave "dolosi" njalo- njalo, ngati ebeke akankanya sithi lawo magqira. Tina sitete ngo Dr. Nembula owafunda obase Mlungwini ubugqira kwapela.

LENTETO yalo ilipepa liyiqoshelisa ngokuti:—"Kodwa ukuba umlesi ucinga ngokuba abantsundu baya kwaneliswa bakuyifumana lento bayimangaleleyo— ukuba Amaxhosa enziwe Amagqira eziqingata, nokuba Amamfengu enziwe izandla ze Mantyi, angaba uyaposisa. Sixelelwa mhlope ukuba Amatyal'a Amakulu ase India avulive ukuba nabantsundu bangawateta, ngokunjalo ke i Netevu zeli zimangalele londawo kweli lase Kapa. I Editor yepepa la Bamnyama ngendlela yengcikivo iti 'kento ayikenziswa apa e Koloni.' Ewe, ayikenziswa, kodwa ngubanina owaziyo ukuba asisakuti kwixesha elingepi sibhale kwi ngcise yamatyala e Jaji: ' Pambi ku His Honour Mr. Justice Umjala. "

IPEPA eliyi *Cape Mercury* (lase Qonce) liyichase ngashushu lona lenteto yelase Bhai, laye litelala kwi Mvo ukuba IMisebenzi yakwa Rulumeni ivulwe, bayifumane nabantsundu. Elayo icebo kukuba Abantsundu batadishlele imvivo zakomkulu ati ozipumeleleyo amiselwe emsebenzini. Apo sifika sixinge kona tina kukuba ezimfundo yozifumana pina i Netevu oki nezikolo ezikulu zeti zivalilelwe ukuba zigangqiti ku Standard V. ekufundiseni.

EMGWALI, DOHNE.

	
EMGWALI, DOHNE.	
[NGU M'BHALELLI]	

Nge 2nd March safikelwa, singalindele, ngabahlobo betu bese Scotland u Rev. James Gray, B.D., Cathcart, Glasgow, ehamba no Alex. Sinclair, Esq no Mrs. Sinclair, kwanonyana wabo u Mr. Sinclair. Yazala londlu yetyalike ngabantu balapa. Kwaqala kwesuka u Rev. Jas. Gray wenza ashushu kunene, epete no mbuliso we Bandla lakowabo elibulisa I Bandla lalapa. U Mr. Baceafe Vecashe wapendulela umzi ngamvoli kunene Kusuke ingwevu u Mr. A. Sinclair watsho kamnandi naye. Zadlwenguleka intliziyo zomzi kakulu ngenxa yamazwi, kwanoobelele bala manene Kwako ndawo imbi isihliso sani ngapakati ngesimo sabazalwana betu abakwa Centane, nase Lusizi, nase Kobonqaba, ngenxa yempambano ekoyo; ndavakala ndisiti, akwabi lamadoda ebava kungenisa uxolo kwelo Bandla naku mfundisi walo."

KWISIKOLO SE NTOMBI. Ave kukangela i Girls' Institution ngokuhlwa, amkelwa shushu ngu mnikazi '-mzi walapo, u Miss M. Hope, kwayola kakulu nakona ekute emva kwo mbedesho wangokulilwa kwangenwa e pala (parlour) apo kuko i piano. Kwafuneka amalungu abalulekileyo o Native Choral Society yalapa, o Miss. M. Mangu, Miss J. Bevu, Miss M. Soga, no Miss Nangu, no Mr. K. M. Ncapayi, bake balinganise kancinane kwi Sacred Songs. Ipiano yandululwa ngu Miss F. M. A. Soga. Latsho elogedu lanandipisa. Kwaye kusenzelwa ukuze kupatelwe udaba lwehambiso kwi Ladies' Society ephesha nakwabanye abahlobo betu. Kusile, pambi kokuba anduluke atabate imifanekiso yetitshala zalapa, wati u Mr. K. M. Ncapayi watatyatwa nosapo lwake o Mrs. Ncapayi no baby no Mrs. Ncapayi omkulu, udade bo Rev. Tiyo Soga, kunye nominawo wake u D. L. Ncapayi. Kwatatyatwa abadala balapa bebodwa, Messrs. Mndayi, Bevu bobabini, lisana no A. ecashe. E Basishiya silusizi kuba bengela xesha likulu sebengxamele kwase Scotland. "Ndlela-ntle Mhlekazi." Bandluluka e Doline ngo 2 p.m. besinga e Qonce kwa Dr. Ross, nase Lovedale.

USIZI ngenxa yokuba bati xa bezayo e Cape Town kwabubhba unyana obelese kwi 2nd Year s Medical Course ka Mr. Sinclair lowo. Bebesebevela e Kimberley, Basutoland, nakwezinye indawo e Free

UKULUNGISELELWA KWE RULUNELI.

	
[NGUM'BHALELLI]	

Besinentlanganiso ye Liso Lomzi Ontsundu wase Bhai ngo February 20, 1890, esikolweni sase Wesile. U Rev. B. S. Dlepu esesihlalweni, kwaye kuko iqela elimnandi lamadoda. Emva kokuba kufundwe i minutes zeyadlulayo intlanganiso, i Chairman ichaze indawo yokumenywa kwalentlanganiso ngamafupi yati "kute ngenyanga efileyo xa ndixakekile kulungiselela ukuya kwi ntlanganyo yehlelo lama Wesile ebizakuba se Rini, ndaye ndinomkuhlane endlwini, ndaqtyululwa yindawo yokuba i Ruluneli eutsha izakuhambela apa, ndasendicela o Messrs. Wauchope no Balla ukuba bahlangane ne Komiti ye Town Council elungiselela lomcimbi wokuza kwe Ruluneli ngendawo yokuba singazuza ituba na lokusingisa imibuliso yetu ku Mhlekazi lowo, beville yamkelwa ngotakazelo londawo. Isiqamo soko ibe yi Address yombuliso ???' a mhla yatika apa i Ruluneli. Lo Address sakangeliswa ngayo no Rev. J. W. Gawler nabanye, ndaza ndayaleza ukuba ihonjiswe ndemka kwangalomini, Kaloku i Address leyo ningayifumana kwi *Mvo* ye 6 ku February, kunye nempendulo ye Ruluneli, endinowuyo ukuti nantisi ibhalwe kwipepa lenkumba (Parchment) yigcineni, ihlale isikumzobo zamazwi Omhlekazi lowo. Utsbo wacela umobhala (Secretary) u Mr. S. Ncapai ukuba afundele intlanganiso amazwi alombuliso nempendulo kwi *Mvo* yo February 6, 1890 Ekovili ukulesa umobhala i Chairman isingise entlanganisweni eliti kokwentlanganiso ukuxela ukuba isenzo eso silungile asilungile.

U Mr. G. A. Ross ute: Ndinga ndingeva ukuba amadoda lawo acelwa ukwenza i Address ngawe Komiti na?

I Chairman hayi.

Mr. J Ross mna ekuboneni kwam isenzo eso asilungile kuba into ecyenziweyo ayipumi eluveni lomzi okunye namadoda awangawo owomzi kwanengubo yawo wonke lomsebenzi ayaniselanga, kanjalo iwhlazile umzi wase Bhai.

I Chairman yalate indawo yokungabiko kwe Komiti noyekelelo lwentlanganiso ukuyinuyla nokuba njengo Mongameli we "Liso." Usebenzise ilungelo lewonga alinikwe yintlanganiso.

U Mr. Mkoti ute: Okwam ukubona ayilunganga, kuba inedlala pakati, iti sihleli kakuhle nangokonwaba ngapezu koko besihleli ngako pantsi kwe Nkosi zetu, itsho ekubeni singenandawo kulo mbuso sikuwo ngoku, singo ntsukahlala, bekungafanelekile okokuba sithi namhlanje xa sinclungelo lokuzibika ku Ruluneli ngendawo esibandezelake ngazo, sisuke sithi sihleli kakuhle ; sisho kungenjalo. Bekusilungele ekutikeni kwe Ruluneli entsha ukuba siyazise ngembandezelo esikuzo pantsi kwalo mbuso.

U Mr. S. Ncapai ute: Noko mna ekuboneni kwam azicacile ezizatu zokungalungi kwesisenzo esixelwa ngu Mr. Ross. Kwindawo yokuqala—u Mr. Dlepu uyichazele ngokumhlope intlanganiso iziatu zokuyenza kwake lento, zaye ke ezizatu zibonakala ngokumhlope nangokuacileyo njengokuba sezixelwe kwaye kanjalo kusazeka kumntu wonke ukuba liiso alimamadoda e Komiti Ngokulandelayo indawo yokuti—Lamadoda ayenazo le Address asingawo omzi, ndiyamangaliswa ukuyiva lonto kuba njengokuba bendilesa i Address amagama abhalwe ngezantsi ngamagama amadoda omzi, ngokuba ndifumana sayinwe ngalamanene o Revs. B. S. Dlepu, J. W. Gawler, Messrs. I. Wauchope, N. Mbambani, A. Ngcoza no S. Balla. Ke kulamagama alamanene ndifuma ingama lika Mr. Wauchope elananga ngokuti malibe elinene litelata pezu kwalo kuba engoko isiqu sake, kodwa ke ukuba kungaba kunjalo andicingi nakancinane ukuba u Mr. Wauchope unokuhlalelwa pandle kumalungelo omzi wase Bhai, kuba ingenyuyo umntu wase mzini apa, akafudukile nokufuduka, ke ngoko unalo ilungelo lokupendula izinto nelokwenza nayipiu into elungele umzi wase Bhai njengomntu wonke olapa kanjalo uluene elimelweyo kukuwakangela amalungelo omzi wakowabo ngeziudawo, andisiboni isizatu sokuba kutiwe esisenzo asilungile kuba senziwe ngamadoda omzi, ngokulandelayo ukuba kunjalo ke u Mr. Dlepu njengomongameli we" Liso ibiyindawo yake ukubiza nayipina indoda yomzi, ngoko ke mna nditi isenzo eso silungile.

U Mr. Mlife ute: Mna andiboni nto inokutetwa kulento kuba le Address ayitlunga, iti sonwabile kungenjalo.

U Mr. B. G. Sinuka ute: Ndimangalisiwe ukuva inteto zalamadoda ngalendawo ayigxeka ngayo i Address yokubulisa i Ruluneli, ayicacile cum into yokuba kutiwe xa kubuliswa umntu ofikayo pakati kwetu kusuke kusiwie izimangalo neziroro, lonto kanye ibiyakuba bubudenge obungatetekiyo. Akungelunge kumntu ongenqondo, necingayo ukuba uti xa uyakumbulisa efika ufike uti molo wetu ndisapila, kekaloku ubonanje ndipetwe kakubi ngonantsi aba, utsho kodwa emi ngenyawo lomntu umbulisayo, okanye ehamba edlula, akangelibali umntu oswele ingqondo njengokuba nam ndisiti bebuyakuba kuswela ingqondo ukuba beyisenzile lonto, lento ke ati lamanene ngekwezinye yona kwi Address yetu. Kanjalo nelidlala niti liko andiliboni mna kuba inteto ye Address iti sihleli kakuhle nangokonwaba kulombuso ngapezu kwentlalo yetu yangapambili, kuyanisekile kuba pantsi kwalombuso sikululekile ebupantsim esikubo, sinamalungelo etu, njengomhlope umntu, namhlanje styilento siyiyo ngenxa ka Rulumeni esipantsi kwake, ekubeni nina niilelela lantlalo yokwamata imibhala nicambalale ngaseszibayeni nibe nitisitsisa abafazi ngomsebenzi ukuba niilelela lonto mandinxelele mhlope mna okokuba seni semva anisayi kuze niyizize nipantsi kwalo mbuso nie, mandinxelele okokuba pantsi kwalo mbuso sinamalungelo amaninzi, sinezikolo zokufundisa abantwana betu nembali ka Rulumeni; nase Bhayi apa sine ndawo yetu yokuhlala, sinomzi wetu, sinezindlu zetu no Rulumeni ngokwake angena kafike ati: puma, enze intando yake kuyo. Ekubeni kulombuso niwulilelayo nina ibingento yanto ukubulawa komntu ngapandle kwesizatu kutiwe uyatakata. Apa aziko ezonto, kanjalo mandinxelele okokuba nina usikulana nale minqweno niinye eniti nakubona abelungu beyinto abayiyi ninge nani ningabona seminjalo, kantiri ke

tion of Mr. John Grewar of Kleinport, a firm support of Sir Gordon Sprigg's as the candidate who would secure Bond support at the forthcoming bye-election. There were not wanting men who would have been Bondmen first and Minister-

??? for this we are able to commend the Bond Bestuur of Uitenhage.

"SOUTHERN CROSS," the new Anglican Church Monthly, returns, we are glad to see, to the attack on the Liquor Traffic citadel with determined energy. It was our pleasure to quote certain remarks from its first number. Those in the second ate scarcely less scathing. The following is its last, we hope it may not be its final, deliverance on this very pressing question :—" Sir Henry Loch has thoroughly realised the necessity of prohibiting the sale of liquor to the Natives of this Colony. Sir Sidney Shippard has prohibited the sale of liquor to Natives in British Bechuanaland, and has carried out his policy of prohibition with most successful results. The prohibition law in Natal works well. Why are we to lag behind? There is of course, the wine farmer's difficulty, to which we alluded in our last issue. But that is not insuperable if Mr. Hofmeyr will put his shoulder to the wheel. No one wants to injure the interests of the Western Province wine farmers. They can produce something better than "Cape Smoke." As to the outcry against class legislation, and the preservation of the equal rights of blacks and whites under the law, it is all nonsense. The Native says, 'I wish to surrender one of my rights, namely that right to get drunk when I like. I do not value this privilege. Let it be left to the white man.' If this surrender involves class legislation, let us have class legislation by all means. We have a good deal of it already, and a trifle more will do no harm. Sir Henry Loch is a constitutional Governor, and cannot act in this or any other matter concerning the Colony, without the assent of the Executive Council. It is not for us to interfere with his official duty, and the fact that the liquor commission had still to work. That body was last in session on the 15th instant to consider its report. That it will be a voluminous one may be readily believed. What, however, the public generally are concerned about is whether it will be in time to be laid before the forthcoming session when action might be taken on it. It is most sincerely to be hoped that no stone will be left unturned to have it printed and laid before Parliament this year, and that early enough to allow of action being taken on it. Otherwise the loss of another year will lead to the evaporation of what interest may have been in the report. The presence of Mr. Wilmot on the Commission we take to be a guarantee that no shilly-shallying will be countenanced in pushing matters on to get the report in the hands of the public early next Session. If the Government were wise and desirous to consult the wishes of the community they would not keep back the presentation of the Report, indeed of any other Reports, until Parliament is in Session, as then there is hardly any time to digest their contents. Much good to the country would be derived from the distribution of Parliamentary papers by the printer's shop before the session.

We are desired to give the following report of a case tried at Umtata, before Major H. G. Elliot, C.M. Tembuland:— CASE OF APPEAL, LUKE VS MVAKWENDLU.

Parties in default. (Respondent.) Mr. Attorney Blakeway (instructed by Mr. Honey of Engcobo) for Appellant Luke.

Assessors present: Councillors Ngqay and Slias who, after having heard the evidence taken by the R.M. Engcobo, are of the following opinion :—

" A father cannot disinherit a child excepting for misconduct, and then only by a judgment of a Chiefs Court. It is admitted that the Plaintiff is the son of the Qadi appointed in consequence of the "great wife" proving barren. Issue by her inherits precisely the same privileges and advantages as the issue of the "great wife" had she born. Plaintiff having been born after the alleged appointment of an heir could not at the time the nomination was made have committed any offence for which he could legally be deprived of his inheritant rights. The birth of an heir of the Qadi House, cancels any agreement or appointment made by the father previous to such birth, but the party who had charge of the property is entitled to receive a portion as a gift as caretaker. There is no statute of limitations amongst Natives. This case is rotten, we are of opinion that the caretaker should keep 40 sheep and 4 head of cattle.

DECISION.—The councillors are unanimous as to their own law in this case, and have very carefully explained its bearing and application, their view is, I consider, also borne out by Brownlee in "Kafir Laws and Customs" page 116 "Inheritance" in which the following sentence appears: "Should an undue preference have been shewn to the minor sons, the son of the "Great House" may recover the property after his fathers death." In this case it appears that Plaintiff's father appointed an heir presumably under the supposition that the Great House would be childless, subsequent to this appointment he took a Qadi who bore children to that house, which children he was powerless by Kafir Law to disinherit, excepting for misconduct, and then through the formal order of the Chiefs' Court, which could not possibly have occurred in this case. Judgment is therefore for Plaintiff with costs. Defendant to receive in accordance with Native custom, 40 sheep and 4 head of cattle for his guardianship and care of the heir's property.

AMAYEZA

KA

JESSE SHAW (U-Nogqala),

E-BHOFOLO.

Enziwa Ngemiti ekula apa e South Africa kupela.

LAMAYEZA aya yalezwa kakulu ngumniniwo, "ngenxa yoku ngqinelana kwawo nezo zifo enzela zona; ngenxa yoku kauleza uku needs oku ngawenzakalizi umzimba; ngenxa yobu pantsi bexabiso lawo; ngenxa yokucoceka kwamfisi wawo ngokuba nasikwa umciza ongazange ungakupilisi ukuluma kwe nyoka, nezinye inunu. ELONA (Specific). Elona yeza lesifiso so Xaxazo lwe gazi nezinye izisu inkatazayo.

UM-AFRIKA (Africanum). Umciza ongenzi xesha ukupilisa Izinyo.

UMFUNO YEZA (Herbal Tincture). Elingoyiswayo zingqangqambo zendlebe, nese bunzi, nokubeta kwentloko yonke.

UMHLAMBI LISO (Eye Lotion.) Oyena mpilisi wamehlo abulalayo.

UMGEDI ORARAYO (Herbal Alkaline Aperient). Eliqinisekileyo ukunceda ukungayi Ngase, ukungatandi kudla, lcesine nento ezinjalo.

UHLIKIHLA (Embrocation). Amafuta omni okupilisa ukuqagamba komzimba, Ukuti-Nqi kwa malungu ukuxuzaka, njalo, njalo.

UMDAMBISI (Soother). Amafuta omni okupilisa ukutsha, ukutyabuka, ezinye.

UMNCWANE WESIHLAHLA (Confection of Rhubarb). Incindi yoku geda iziswana esikatazayo zentsana, nesabantwana.

UMATINTELA (Antispasmodic). Umciza wokupilisa ukuqunjelwa nezitepu Sesinye inkatazo.

UMOMELEZI WASE INDIYA (Indian Tonic). Iyeza elilunge kunene kwisifo sokuba butataka, sokungatandi fito itiywayo.

UBUGQI (Magic Healer). Amafuta akupilisa msinyane ukusikwa nezilonda njalo njalo.

IGUDISA (Emollientine). Into elunge kunene etanjiswayo ebonza bububuhle bugude ubuso.

UMGUTYANA (The Powder). Lisetyenziswa neli kutiwa "Lelona" xa isifo sokubamba igazi sendele.

Izalatise zendlela yoku wasebenzisa zishicilelwe zokuzalisekileyo zatiwa nca kwi bhotilana nezitofilana ngazinye, eziti zakulandela ngokufezekileyo akaze angapilisi lamayeza. Ngekungabiko kaya, nandlu, namhambi ungenawo lamayeza esirweqe sokulumkela okungekhili.

Akandwa enziwa ngu JESSE SHAW, Igqira elisebenza ngemiciza, e Bhofolo, atengiswa nguye nge bhokisi nange Bhotile nangamagosa ake kwinkoliso yedolophu zale Koloni yonke, e Natal, e Free State, e Transvaal, nase Indiya.

AMAGOSA ALAMAYEZA.— E Qonce—Dyer A Dyer. Malcomess A Co., D Drummond A Co. E Ngqamakwe—Mrs. Savage. E Mhnti—B. G. Lennon A Co. E Rini-li. Wells.

ISAZISO.

NDIYA wazisa umzi wakowetu ose Maxhoseni, Embo, e Natala nase Dayimani, ukuba mna, ugama lingezantsi, ndivu le Ikaya Labahambi apa. Yeyona ndlu ikufupi ne Railway Station, e Kowie Street, knfupi ne bhuloro ekutiwa yi Dundas Bridge, apo nofuwanisa kona impato efanelekileyo, izixhaso nokulala okufanelekileyo, ngamanani apantsi kakulu. Kuko nesitali samahashe esine groom epapame kunene, ROBERT XHOLLA, I Kowie Street. Graham's Town.

SINE Almanak ze 'Mvo ' zo 1890, ezilingeneyo anokutonyelwa ongayamkeliyo "Imvo" ukuba utumele Isheleni Enye, izizitampu zepeni, kwi Office of "Imvo," Kingwilliamstown. February 21st.

IZAZISO NGE "MVO."

Umzi wakowetu mawuyi qondisise kakuhle indlela yokuhlaulela IMVO ZABANTSUNDU ukuba intlaulo Erolelwa Ikwata, xa ifike kwange nyanga yokuqala 3s.

Urolelwa Ikwata, ifike emva kwenyanga yokugala kuyilekile ukuba otandayo awuhlaulele wonke unyaka kwausaqala. Intlaulo yonyaka ifike kwa usaqala, 12s. Ngangoko kunokwenzeka intlaulo itunyelwa nge Money Order efunyanwa kwi Post Offices.

Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

BOURKE no MARSH,

E Nyutawini nakwisitalato esipambi kwe ofisi ngase mcantcatweni.

W. McGLASHAN & CO.,

(MAGALA),

E-DIKENI

BAHLALA benezona impahla zokunxiba zintsha ezona ntlobo zipilileyo ze Print, i Satin, kwane Drillettes,

ITYALI, :IZIHLANGU, NE NGUBO.'

Zonke Intlobo Zabatsatayo Kwesi Siqingata,

Ngamanani alungele bonke abatengi. Impahla yabo ifika ngazo zonke iveki ezimbini; kengoko impahla yabo ihleli intsha ifika.

Ufuna into ezipilileyo, ngawona manani alula yiya kwa

W. McGLASHAN & CO.,

E-Dikeni.

Banika awona manani apakamileyo ngo BOYA, IZI-KUMBA, IMFELE, ZOBOYA BESEYIBOKWE njalo, njalo IZILIMO zitengwa ngamani ase Markeni. OLUKA

AKUKO RAFU

YE

ZINDLU.

IRAFU ibulewe. Into yonke siya kuyitoba kwa BANTSUNDU. Sine mpahla eninzi esisayivulayo.

ABAZAKUTSHATA singabenzela i LOKWE ne MINQWAZI bakufuna ukuba benzelwe.

Kulomsebenzi ungentla sina maledi amabini ngokukodwa okuwenza.

Ezamadoda i Suti, njalo, njalo, zinokusikwa aku zi ODOLA.

Zonke betu zipantsi ngoku-, balulekileyo.

SIYIBULELE I RAFU!

W. O. CARTER & CO. Kingwilliamstown.

KWI VENKILE

YO KATA.

Heald Town Teachers' Association.

Meetings to be held at Heald Town on 8 APRIL.

All Members are invited to come-

AARON MALI, 3it20 3 90 Acting Secretary

Gowie Uluhlu Lwezityalo.

Luka MARCH.

UKWINDLA.

IMBALI ye Tswela Elikulu, Imigusho, i Beet, Turnip, nemifunwana yonke ingahlwayelwa. Zonke imbali ze Hypoxis, Ixia, Sparaxis, Freesia, nezinye intyantyambo zase Kapa ezingcambu zinqhukuva. ne Pansy, Carnation, Stock, Dianthus, Godetia, Larkspur, nezinye intyantyambo ezilukuni, nezinye...

-UBUSIKA NENTLAKOHLAZA-

IMIPOMPO ENEHTYANTYAMBO.

ENJENGE

Narcissus, Snowdrop, Freesia, Anemone, Sparaxis, Tulip, Iris, Ranunculus, Lachenalia, Babiana, njalo.njalo.

MAZIMILISELWE.

W. & C. GOWIE, GRAHAM'S TOWN.

W. LORD & CO.

ABATENGISI

BEMPAHLA—YENTSIMBI BEMPAHLA—OZIKOMITYI BERULUWA BEMIPU BEMBUMBULU, zentlobo zonke njalo njalo.

E MARKET" SQUARE, KING WILLIAMS TOWN.

KUNI nonke manene ndicela amehlo ngamahashe am ati abiwa kum nge 1st ka February lo, elinye lirolwe ebuhlanti elinye lisidla pandle. Ingqongqo YENKABI esuke egadeni, idyongo engwevu ebulubhelu elututu empemvu, inenqina linye elimhlope ngasemva, ungati lelesitali lomntu omhlope, likowesine umnyaka, umсила

KO TITSHALA.

KUFUNWA u Titshala one Siqinisele kwi sikolo se Sekiti yase Witteberg. Ofunayo wobhalela ku

REV. GEO. WEAVER, Wittebergen, Herschel.

ISEBENZA NGOBUGQI. I-RHEUMATICURO ! IYEZA ELIKULU LASE SOUTH AFRICA.



Alikaze linqatyelwe kupilisa Izifo Zamatambo, Isinqe, ingqaqambo Zentloko.

Lingqinwe ngamawaka. Umenzi walo kupela ngu

J. JONES, Cape Town.

ELIKA

ORMSMOND

IYEZA ELIKULU

LASE AFIKA.

Yincindi yengcambu zemiti yelilizwe.

UMPILISI WEZILWELWE

Ezibangwa kungcola kwe Gazi, nokuba sihla bumini, ukule na.o, nokuba sihle ngayipina indlela, ezinjenge Hashe, izifo ezise Lufeleni, Ukujaduka, Ukuti nqi kwe sisu, Izifo ezise Mbilini, Ubutataka, Intswela butongo, Ubutataka be ngqondo, Izifo zesi Fuba, nent' eninzi yezilwelwe zama Nkazana, njalo, njalo.

Kangela Encwadini abapilisiweyo nendlela elisetyenziswa ngazo, zibhalwe ngesi Ngesi, Jelimeni, si Bhulu nesi Xhosa

Emva kokuli sebenzisa ixesha elide selenamava amaninzi umninilo, uliyaleza ngengqiniseko eliyexa ukuba liyayi pilisa inkoliso yezifo zabantsundu base Afrika, kwanale Fiva (cesina) yase Dayimani, kona kwesi sifo sabantu abamnyama liyi ngobo. Kavulilenge please. Litshipu, ibhotile zisheleni zontatu, izele liyeza elinga tata intsku ezilishumi. Ibhottle nganye ihamba nencwadi ene nteto yesi Xhosa.

Lilungiselelwa umninilo kupela ngu

G. E COOK KING WILLIAM'S TOWN, Linoku zuzwa kwinkoliso yaba gcini mayeza kwanyaka itloko:

Amayeza ka Cook Abantsundu.

UMZI ontsundu ucelelwa ukuba ukangelise lamayeza abalulekileyo.

COOK Iyeza Lesisu Nokuxaxazo. Elika 1/6 ibotile.

COOK Iyeza Lokukohlela (Lingamafuta). Elika 1/6 ibotile.

COOK Amafuta Ezilonda Nokwekwe. Elika 9d. ibotile.

COOK Iyeza Lepilo. Elika 1/6 ibotile.

COOK Iyeza Iphils. Elika 1/ ngebokisana.

COOK Incindi Yezinyo. Eka 6d. ngebotile.

COOK Umciza Westepu Sabantwana. Oka 6d ngebotile.

COOK Umgutyana Wamhlo. 6d ngesiqunyana. Oka

COOK Umciza we Cesine. 1/6.

Niqondise ukuba igama ngu

G. E. COOK, Chemist,

E QONCE.

uba ngawenkohliso angenalo igama lake

SIYAZISA ukuba "Ikaya" sisaligcinile apa e.Komani, Amagumbi, nezitale, nentlalo yonke ilungile kakulu, ezantsi kwe Marike.

R. T. NUKUNA & CO., Calderwood Street, Queenstown.

Printed for the Proprietor, J. TENGO-JABAVU, by HAY BROTHERS, Smith Street, King Williamstown.